



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

AMABANGA APHAKATHI

IBANGA LESI 6

EYENKANGA 2016

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2

AMANQAKU: 40

IXESHA: 1 iyure



Olu viwo lunamaphepha ama-6.

ICANDELO A: ISICATSHULWA**UMBUZO 1: INTSOMI****IRHANISI LEGOLIDE**

Kudala kwaye kukho umfama owayenonyana abathathu. Omncinane wathiywa igama lokuba nguSityhakala ngenxa yokuba elulamile, baza ke abantu abaninzi bacinga ukuba usisiyatha.

Ngomnye umhla umfama wathuma unyana wakhe omkhulu ukuba aye kugawula ehlathini. Phambi kokuba anduluke, unina umbizile, wamnika iqebengwana namarhewu ngebhekile ukuze atye akulamba, asele akunxanwa. Kanye xa angenayo ehlathini, wadibana nexhego elathi kuye lakumbona, “bhota mfana wam. Ndincede ngentwana yeqebengwana, undirhabulise nakulomarhewu akho, ndifile yindlala nalunxano.”

Umfo lo wala ukulipha ixhego, waza wathi: “ukuba ndikunika wena oku kutya kwam, mna ndiya kusala ndingenanto yakutya. Hamba umk’apha.”

Ulishiye apho elo xhego lifumane lakhohlwa, yena wangena ehlathini. Ubone umthi omhle omkhulu, waza waqala ukugawula. Uthe esahlabe kabini kathathu, suka laphuncuka izembe lamxabela engalweni. Ngenxa yokopha nobuhlungu benxeba, kwacaca ukuba makagoduke aye kulibopha.

Umfama ngoku uthumele owesibini unyana ehlathini. Naye waphiwa iqebengwana namarhewu ngunina. Kuthe gqi kwa elaa xhego, lacela iqebengwana namarhewu. Umfana akafunanga nokuva, koko wathi: “Andingeze mna ndizibulale ngendlala ngenxa yokuba ndikunike wena ukutya. Mk’apha xhegwanandini.”

1.1 Yintoni intsomi kanene? Khetha impendulo kwezi zilandelayo.

(a) Libali elifutshane elingeyonyani, elinemfundiso, ngamanye amaxesha abalinganiwsa ibazizilwanyana.

(b) Yileta emfutshane.

_____ (1)

1.2 Kwakutheni unyana omncinane ukuze kuthiwe nguSityhakala?

_____ (1)

1.3 Ngenxa yeligama abantu abaninzi bacinga ukuba uyintoni?

_____ (1)

1.4 Wadibana phi nexhego unyana omkhulu?

_____ (1)

- 1.5 Ixhego lathi life yintoni? Nika zibe mbini.
_____ (2)
- 1.6 Ingaba lo nyana walanceda eli xhego?
_____ (1)
- 1.7 Lomfo ingaba wabona ntoni ehlathini?
_____ (1)
- 1.8 Wenza ntoni?
_____ (1)
- 1.9 Wayesele ehlabhe kangaphi phambi kokuba izembe liphuncuke.
_____ (1)
- 1.10 Lamxabela phi izembe?
_____ (1)
- 1.11 Ucinga ukuba lo mfo yintoni eyamenzela ilishwa lokusuka azixabele?
_____ (2)
- 1.12 Ingaba le ntsomi ikufundise ntoni wena?
_____ (2)
- 1.13 Nika izizathu zibe zibini ezabangela lo mfo agoduke.
_____ (2)
- 1.14 Babebangaphi onyana balo mfama?
_____ (1)
- 1.15 Ngubani lo wathi: "Mk'apha xhegwanandini", wayesitsho kubani?
_____ (2)
- 1.16 Wathini yena unyana wesibini xa edibana nelaxhego?
_____ (1)
- 1.17 Wena xa unokudibana nomntu olambileyo ungamnceda? Ewe okanye hayi. Xhasa impendulo yakho.
_____ (2)

1.18 Nika intsingiselo yegama elinomgca ngaphantsi.

(a) Phambi kokuba anduluke.

_____ (1)

1.19 Yintoni amarhewu?

_____ (1)

AMANQAKU EWONKE ECANDELO A: 25

ICANDELO B: ULWIMI**UMBUZO 2**

Funda lo mdlalo uze uphendule imibuzo.

Indima yokuqala.

Umboniso wokuqala.

Kungorhatya kufika uToto udad'bo Nomhi ekhathazekile. Ufuna Ukuhlamba akaliboni ilolo lakhe.

Nomhi	:	Liyephi ilolo lam ebelilapha?
Toto	:	Yintoni ilolo?
Nomhi	:	Lilityana lokulola intsente.
	:	(Kungena umama kaNomhi sele ebuza ngengxolo eyenzeka emzini wakhe.)
Umama ndiyivayo?	:	Kwenzeka ntoni? Yingxokozelo yantoni le
Nomhi ndizokuhlamba.	:	(ebibitheka ngumsindo) Ndifuna ilolo lam mama
Umama	:	Ubulibeke phi eli lolo lakho?
Nomhi	:	Emva kocango mama.
Toto	:	Ngoku ke amehlo akho ngawokwenza ntoni xa ungazikhangeleli?
Nomhi	:	Ndilikhangele, andiliboni.
Toto	:	Uthi kukho umntu olithathileyo?
Nomhi	:	Sisikrokro sam eso.
Umama	:	Awu! Bantwana bam kodwa yintoni le niyenzayo yokulwa? (Bayaphuma bonke endlini.)

2.1 Chonga isichazi kwesi sivakalisi silandelayo uchaze nodidi lwaso.

Liyephi ilolo lam ebelilapha?

_____ (1)

2.2 Bhala isimelabizo endaweni yesibizo kwesi sivakalisi silandelayo.

Kodwa ke ilolo khange ndilibone.

_____ (1)

2.3 Nika isininzi seli gama: Ilityana.

_____ (1)

2.4 Fakela uphawu lokubhala olufanelekileyo kwesi sivakalisi silandelayo.
Ngoku ke amehlo akho ngawokwenzani xa ungazikhangeleli

(1)

2.5 Hlahlela esi sivakalisi silandelayo. Ukhuphe intloko, isenzi nenjongosenzi.
UNomhi ukhangela ilolo.

(3)

2.6 Gqibezela; Isisila senkukhu sibonwa mhla _____

2.7 Nika isimaphambili kunye nesiqu seligama:
Ilitye

(2)

2.8 Gqibezela le theyibhile ingezantsi:

Isibizo	Isinciphiso	Isandiso
Ilitye	Ilityana	_____

(1)

2.9 Nika intsingiselo yesi saci:
Ukukhatywa yinkawu

(2)

2.10 Uthini ukubiza udade bomama wakho?

(1)

2.11 Nika igama elinye:
Abantwana abazelwe ngaxesha linye.

(1)

AMANQAKU EWONKE ECANDELO B: 15
AMANQAKU EWONKE: 40

